

Ukuphuhlisa Inggondo Ephumelelayo



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Yohane 4:27–30, 39–42; Mat. 15:21–28; 2 Tes. 1:1–4; Roma 15:7; Efese 4:32; 1 Pet. 3:15.

Indima Yenkumbulo:

“INkosi ke uThixo yingcwaliseni ezintliziyweni zenu, nihlale ke nikulungele ukuziphendulela kumntu wonke obuzayo kuni ilizwi, ngalo ithemba elingaphakathi kwenu, ninobulali noloyiko” (1 Petros 3:15).

Okona sifunda ngakumbi ngobomi bukaYesu, kokona simangala kukukwazi kwaKhe ukwamkela nokubavuma abantu. Nangona wayethetha kalukhuni kwiinkokeli zenkolo zemihla yaKhe, wayebamkela ngovuyo abo babesilwa nesono, bephethwe kakubi bubutyala, begwetywe kukuphelelwa lithemba. Ubabalo lwaKhe lwalulolwabo. Inceba yaKhe yolulelwa nakoyena moni umbi. Ubunzulu boxolelo lwaKhe lwalunzulu ngokungenasiphelo kunobunzulu besono sabo. Uthando lwaKhe lwalungenamda. UYesu akazange abonakalalise nomkrwelo wekratshi okanye wokuphakama. Wababona bonke bedalwe ngokomfanekiselo kaThixo, kodwa bewiswe sisono, nathe weza Yena ukuba abasindise. Akakho owayengaphandle kwemida yothando lwaKhe. Akakho owayewe kangankokuba inceba yaKhe ingabi nako ukumfikelela. Wabonisa intlonipho kubo bonke awayehlangana nabo ebaphatha ngesidima ababesifanele. Wabakhuthazela ubukumkani abantu kuba wayekhohlelwa ebantwini. Ubomi babo baguquka phambi kwaKhe kuba wayebakhathalele ngokunzulu kakhulu. Baphakama ukuba babe koko wayekhohlelwa ukuba bangakuko. Kwisifundo sale veki siza kuwuhlola nzulu ngakumbi umoya kaYesu ngasebantwini size sifumane indlela yokusebenzisa le mithetho-siseko ebomini bethu.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 29.*

Ukulungela Ukwamkela IGospile

Funda: Yohane 4:27–30, 39–42. Ukuthetha kukaYesu nentokazi yaseSamariya kuyibonisa njani inyaniso yokuba zonke iindidi zabantu zivulekile ukuba zamkele igospile, nakwiindawo ezingalindelekanga?

Indawo yokugqibela abafundi ababelindele ukufumana kuyo iintliziyi ezilungele ukwamkela igospile yayiyiSamariya. amaSamariya ayesilwa okokoko namaYuda ngemfundiso nonqulo. AmaSamariya ayefuna ukuba nenxaxheba ekwaxhiweni kwetempile eYerusalem kodwa alivinjwa ithuba kuba ayesendiselana nabenkubeko yobuhedeni obuwayikelezileyo kwakunye neembono zawo ezimiyo zenkolo. Isiphumo soko, amaSamariya azakhela eyawo itempile entabeni iGerizim. Abafundi babeya kuyitsiba ngokukhawuleza iSamariya njengommandla ongafanelekanga ukuba kungavakaliswa kuwo igospile. UYesu wabona into eyayingabonwa ngabafundi: iintliziyi ezazilungele ukwamkela. Ingxelo kaYohane yebali lentokazi equleni liqala ngala mazwi: “yalishiya yona elakwaYuda, yabuya yaya kwelaseGalili. Ibimelwe ke kukuthi icande kwelamaSamariya” (Yohane 4:3, 4). UYesu “wakudinga” ukucanda kwelamaSamariya kuba uMoya Oyingcwele wamoyisela ekuthini kunokubakho iintliziyi ezilungele ukwamkela kule ndawo ingaqondakaliyo. Xa amehlo ethu ethanjiswe lizulu ngoMoya Oyingcwele sibona okunokwenzeka apho abanye bebona ubunzima kuphela. Sibona isivuno esiqhamileyo semiphefumlo yobukumkani bukaThixo abo abanye bebona amasimi angenanto.

Funda: IZenzo 8:4, 5, 14. Saba yintoni isiphumo sokugqibela solungiselelo lukaYesu eSamariya?

Abafundi ngebayidlula iSamariya bengakhange bawanika ithuba amaSamariya ukuba ave inyaniso yeLizwi likaThixo. UYesu wabona into ababengayiboni. Wazi ukuba uMoya Oyingcwele walidala ithuba lokulungela ukwamkela entliziyweni yentokazi. Ukuguquka kwayo ngokukhawuleza kwaba nefuthe kumashumi abantu kweso sixeko. Asisayi kusoloko sibona kamsinya iziphumo kwizenzo zethu zokungqina, kodwa xa sihlwayela kwiintliziyi ezikulungeleyo ukwamkela, ngenye imini iya kuzisa isivuno esiya kumzukisa uThixo.

Asisokuze siyazi ngokuqinisekileyo impembelelo yamazwi nezenzo zethu kwabanye, nokuba kokulungileyo okanye okubi. Ngoko ke, kungani ukuba kufuneke sisoloko sikulumkele oko sikuthethayo nesikwenzayo phambi kwabanye?

Ukulungisa Umoya Woluvo

Umoya wethu ukholisa ukuxela isakhono sethu sokuba nefuthe kwabanye. Umoya ongqwabalala, onokugxeka, nongenabubele uza kubagxotha abantu kuwe, ude uthi nokuba uyakwazi ukungqina, amazwi wakho, nokuba anyanise kangakanani, angamkeleki. Kwelinye icala, umoya omhle nenkolelo kwabanye ubatsalela kuthi. Udala iqhina lobuhlobo. UYesu wawubeka kakuhle lo mthetho-siseko xa athi, “Andisatsho ukuthi ningabakhonzi; ngokuba umkhonzi akakwazi okwenziwa yinkosi yakhe; mna ke ndithe nizizihlobo; ngokuba zonke izinto endaziva kuBawo, ndanazisa zona” (Yohane 15:15). Abahlobo bayamkelana nokuba banobuthakathaka neempazamo baze babelane ngokulula ngovuyo lwabo neentsizi zabo.

Funda: Mateyu 15:21–28 noMarko 14:6–9. Ezi ndima zichaza iintokazi ezimbini kwiimeko ezahlukene kakhulu. UYesu ubonakala engqwabalala kwenye enobubele kwenye. Ziintoni eziboniso, onazo wena kule ndawo, ukuba uYesu wayefikelela ngobalalo olusindiso kuzo nganye esakha ukuthemba?

Intokazi ekuMateyu 15 ingumKananekazi. UYesu wasala ngenjongo isicelo sayo kuqala ukuze, ngokuzingisa kwayo, ukholo lwayo lukhule. Ekugqibeleni, wakwenza eyayikulangazelela yaza yenza intetho emangalisayo yokuba ayikho inkokeli yenkolo kwaYuda ngelo xesha eyayinokuze yenze kusizana oluyintokazi engumSamariya oko wakwenzayo[uYesu]. Wathi esidlantaleni, “Mfazi, lukhulu ukholo lwakho!” (Mat. 15:28). Uyinika okona kukhulu ukuncoma okunokunikwa yititshala yenkolo. Ungakwazi ukucinga ukuba yavuya kangakanani intliziyo yayo, baza baguquka njani ubomi bayo?

Intokazi eyathambisa iinyawo zikaYesu ngamafutha exabiso elikhulu wayengumYuda-intokazi eyayinegama elibi, intokazi eyoyisakala kakubi isona rhoqo, kodwa eyaxolelwayo, yaguqulwa yenziwa yabantsha kwakhona. Xa abanye babeyigxeka, uYesu wayeyincoma ezivuma izenzo zayo. Uthetha athi, “Apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zilungileyo kulo lonke ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto ayenzileyo yena, ibe sisikhumbuzo ngaye” (Marko 14:9).

Ngokwala mabali mabini siwafundileyo ngentla, ziintoni ezifunekayo kumoya omhle onempumelelo? Kukulungisa okunjani emoyeni okudinga ukuba ukulungise, kungabi kokujonge ukungqina kuphela, kodwa nobomi jikelele?

Ukubeka Inyaniso Ngothando

Ubuhlobo bubodwa akubazuzeli abantu kuKristu. Singanabo abahlobo abaninzi, abantu esonwabela ukuba nabo nabo besonwabela ukuba nathi, kodwa ukuba asize sibaxelele oko akuko uYesu kuthi nendlela athe waguqula ubomi bethu ngayo, ubuhlobo bethu bungenza umahluko omncinane kunaphakade. Ngokuqinisekileyo, kungaba mnandi ubukho bethu, kodwa uThixo usibizele ukuba sibe ngaphezulu kokuba kube mnandi xa sikho. Ubuhlobo bubodwa abusokuze buzise abantu kuKristu, kodwa umoya ongenabo ububele ungabagxotha bemke kuKristu. Umpostile uPawulos uyasikhumbuza esithi masithethe “sinyanisekile eluthandweni” (Efese 4:15). Amaqhina obuhlobo enziwa xa sivumelana nabantu kangangoko kunokwenzeka, sibonise ukubamkela, nokubancoma apho kufaneleke khona. Kubaluleke kangakanani ukuba senze umkhwa wokukhangela okulungileyo ebantwini kunokukhangela okubi.

Funda: 2 Tesalonika 1:1–4. Dwelisa ezinye zezinto eziqinisekileyo abancoma ngazo abantu baseTesalonika.

Bakho abo babonakala bekonwabela ukukhangela izinto ezingalunganga kwabanye. Bakhangeleka besonwaba xa befumanisa ukuba othile akenzanga kakuhle, kungekho nto yimbi ngaphandle kokuba beziva ngcono ngeziqu zabo. Umpostile uPawulos wayengenjalo. Wayekhangela okona kuhle emabandleni awayelungiselela kuwo. Ngokuqinisekileyo, wayeyilwela impazamo engasiyekeleli isono, kodwa apho wayejonge khona kwakusekuwakhuliseni amabandla awamisileyo. Indlela eyodwa awayekwenza ngayo oku yayikukubabaza oko bakwenze ngendlela. Intetho kaEllen G. White ngokubaluleka kolwalamano oluhle ibalulekile. “Ukuba singazithoba phambi kukaThixo, sibe nobubele nentlonipho nentliziyo enothando nenovelwano [ezele luvelwano], bekuya kubakho ikhulu labaguqakayo ukuza enyanisweni apho kukho ngoku omnye kuphela.”—*Testimonies for the Church*, vol. 9, p. 189.

Cingisisa le ntetho ingentla okomzuzwana. Bekungenzeka ntoni kwibandla lakho ukuba bekunokuphuphuma ububele, intlonipho, iintliziyo ezinotando, novelwano [inceba] kwintliziyo yelungu ngalinye? Belingabonakala linjani ibandla elinje? Khangela kweyakho intliziyo uzibuze ukuba yeyiphi indlela onokuziphuhlisa ngayo kule ndawo.

Isiseko Sokwamkeleka

Funda: Roma 15:7 noEfese 4:32. Ungasichaza njani isiseko sako konke ukwamkeleka? Uyintoni undoqo womoya wokwamkela?

Kwiindawo ezimbini, umpostile uPawulos unika imithetho-siseko ekwakhelwe kuyo ukwamkeleka omnye komnye. Kuba uKristu esixolele wasamkela sonke ngabanye, singakwazi thina ukwala ukuxolelana nokwamkelana omnye nomnye? Kakuhle, kungokuba kanye uYesu wasamkelayo esithi thina sikwazi ukwamkelana omnye nomnye, sele eneziphako enjalo omnye. Cinga nzulu ngokuthethwa koku. Cinga ngawe nangezinye izinto ozenzileyo nosazamana nazo-izinto ezithi, mhlawumbi, nazo zibe zaziwa nguwe wedwa. Kanti ke, ithini into? Ngokholo, uyamkeleka kuKristu, owazi konke ngezinto abanye abangazi nto ngazo. Kunjalo, wazi konke oko [uKristu], kodwa kunjalo, uyakwamkela, kungengako ukulunga kwakho, kodwa ngenxa yokwaKhe [ukulunga]. Umele ukuba njani, ke ngoko, umoya wakho ngakwabanye?

Le yimbono enzima kwabanye ukuba bayiqonde. Ukwamkeleka kwenene kuthetha ukuba samkela abantu njengoko banjalo, nayo yonke imikhwa yabo yesono, kuba bangabantu abadlalwe ngokomfanekiselo kaThixo. Ngenxa yokuba uKristu wasifela “sisengaboni” “wasixolelanisa noThixo” sisezintshaba zaKhe, sinako ukubaxolela sibamkele nabanye. Uthando lwaKhe ngakuthi luba sisiseko kanye sokubamkela nokubaxolela kwethu (Roma 5:6–10). Ngako nje ukuba ukwamkela, ulwalamano olukhathalayo bumiselwe, kuye kufuneke ukujongana nomnye umntu niseluthandweni ngeenyano zesiBhalo. Ukusilela ukwenza oku kukungakuhoyi ukuthanda. Singabahlobo, sikhathala ngokwaneleyo ukuba sabelane nabahlobo bethu ngeenyano ezibuguqulayo ubomi, ezingunaphakade. Umoya kaYesu wawungenguwo othi, “Yenza oko ukuthandayo. Kulungile. Ndzakuqhubeka ndikwamkela.” Endaweni yoko, umoya waKhe wawusithi, “Nokuba wenze ntoni, ndikulungele ukukuxolela nokuba ndikunike amandla ukuba uguquke.” Inyaniso yeBhayibhile enikwe ngomoya othobekileyo kaKristu ngomoya onothando iyazizuzisa iintliziyo ibuguqule ubomi.

Kunokwenzeka njani ukumamkela umntu ngaphandle kokukwamkela ukuziphatha kwakhe ngendlela engalunganga? Singamamkela njani [umntu] lo gama singayi kusivumela okanye ukusinyamezela isono?

Inyaniso Enikwe Ngothando

UYesu akazange akutyeshela ukunika inyaniso ngenxa “yothando,” kuba oko kwakuya kuba asilulo uthando. Uthando lusoloko lubafunela okona kulungileyo abanye. Akukho kungqubana phakathi kothando nenyano. Inyaniso enikwe ngokuthobeka nobubele iyintetho yothando. UYesu wathi, “Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi” (Yohane 14:6). UYesu kuphela kwendlela yosindiso (IZenzo 4:12). Ubabalo lwaKhe luyasindisa ukuze sikwazi ukuyazi inyaniso yaKhe siphile ubomi baKhe. Inyaniso engenalo uthando ikhokelela kubungqongqo bomthetho obufuthaniselayo, obubukhamayo ubomi. Ekuthiwa “luthando” olungenayo inyaniso lukhokelela kuluvo olunyamezela lungaphethe nto, lumshiya umntu ekhukhulisekile kulwandle lokungaqiniseki. Inyaniso enikwe ngothando ikhokelela kumava aqinisekileyo obuKristu anika umyalelo ocacileyo, injongo nokuqiniseka.

Funda: 1 Petros 3:15; 2 Timoti 4:2; noTito 3:4, 5. Zeziphi izaci kwezi ndima ezinika uzinzo phakathi kokunikwa kwenyaniso yeBhayibhile nomoya othobekileyo nowamkelayo?

AbabhalibeTestamenteNtshaabazebacinezele uthandongaphezukwenyaniso. Bahlanganisa ngendlela entle uthando nenyano, ubabalo nomthetho, imfesane nokunyaniseka. UPetros uyalela abazalwana abangamakholwa esithi, “nikulungele ukuziphendulela kumntu wonke obuzayo kuni ilizwi, ngalo ithemba elingaphakathi kwenu, ninobulali noloyiko” (1 Pet. 3:15). Ngamanye amazwi, nidinga ukukwazi oko nikukholelwayo, nokuba kutheni nikukholelwa, nize nikwazi ukucacisa oko nikukholelwayo nokuba kungokuba kutheni. Oku akuthethi ukuba ninazo zonke iimpendulo okanye kufuneka nikwazi ukuboyisa abanye ngeenkolo zenu. Kuthetha kuphela ukuba “ngobulali noloyiko”—oko kukuthi, ngokuthobeka noluvo lobukhulu kwimiba ekuthethwa ngayo-ninako ukulucacisa nilukhusele ukholo lwenu.

UPawulos uyalela lo amjongileyo noselula, uTimoti, esithi, “Livakalise ilizwi; zingisa ukwenjenjalo ngamathuba alungileyo naxakileyo; yohlwaya, khalimela, vuselela, unako konke ukuzeka kade umsindo, nokufundisa” (2 Tim. 4:2). Ukhumbuzo uTito ukuba bububele nothando lukaThixo olusindisa abo bathe bazawa ngokutsha kuYe (Titus 3:5). Nathi, thina babiziweyo ukuba sibeke inyaniso ngothando nabo bonke ubulali nokuthobeka. INkosi yethu iyasimema ukuba sihlngane naYo ekwabelaneni ngothando nemimoya eyamkelayo isigidimi somhla wokugqibela kwilizwe elifa lingenaye uKristu.

Ukuba ubungabuzwa ngomnye athi, “Kutheni le nto ungumKristu? Ubungaphendula uthini, ngokuba kutheni?”

Ingcamango Eyongeziweyo:

“KuKristu kukho uthando lukamalusi, uthando lomzali, nobabalo olungenawo umlinganiselo lwemfesane yoMsindisi. Iintsikelelo zakhe uzinika ngawona mazwi anomtsalane. Akaneliswa kukuvakalisa nje ezi ntsikelelo; uzibeka ngendlela enika umdla kakhulu, ukuze avuse ulangazelelo lokuba zifunwe. Ngoko ke, abakhonzi baKhe, kufuneka benjenjalo ukuthetha ngobutyebi bozuko lweSipho esingathethekiyo. Uthando olumangalisayo lukaKristu luya kuzinyibilikisa luzoyise iintliziyo, lo gama ucengcelezo nje lodwa lweemfundiso lungayi kufeza nto. “Thuthuzelani, bathuthuzeleni abantu bam, utsho uThixo wenu.” “Wena Ziyon, mshumayeli weendaba ezilungileyo, nyuka uye entabeni ephakamileyo; wena Yerusalemi, mshumayeli weendaba ezilungileyo, liphakamise ngamandla ilizwi lakho, phakamisa ungowiki. Yithi kwimizi yakwaYuda, Nanko uThixo wenu! . . . Iya kuwalusa umhlambi wayo njengomalusi; iya kuwabutha ngeengalo zayo amatakane, iwathwale ngesifuba sayo, izithundeze ezanyisayo.” Isaya 40:1, 9–11.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, pp. 826, 827.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Kubuhlungu kona, kodwa abanye abantu beva kamnandi xa besalatha iziphako kwabanye. Singaqinisekisa njani ukuba asiwi kuloo ngqondo injalo?
2. Cinga ngalo mbono: Umhlobo usanda kuvela emngcwabeni aze enze le ntetho: “Ndiyavuya kuba uanti wam usezulwini endikhangele. Iyandonwabisa loo nto.” Ngokuhambelana nemithetho-siseko esiyifundileyo kwisifundo sale vekhi, ubungaphendula uthini? Oko kukuthi, nokuba ibaluleke kangakanani imeko yabafileyo, kutheni le nto ingelilo ixesha elilunge kakhulu eli ukuba lo mntu umnike isifundo seBhayibhile ngalo mba?
3. Xoxani ngale ntetho ngokubhekiselele ekungqineni kwethu kwabanye: “Sona kanye esi senzo sokukhangela okubi kwabanye sikhulisa ububi kwabo bakhangelayo. Ngokuhlala kwiimposiso zabanye, siguqulwa sibe ngumfanekiselo wabo. Phofu, ngokukhangela kuYesu, sithethe ngothando lwaKhe nokugqibelela kwesimilo saKhe, siguqulelwa sibe kumfanekiselo waKhe. Ngokucamngca iingcamango eziphakamileyo azibeke phambi kwethu, siya kunyuselwa kumoya onyulu nongcwele, phambi kobuso bukaThixo. Xa sihleli apha, kuphuma kuthi ukukhanya okuthi kukhanyisele bonke abaqhagamshelene nathi.”—Ellen G. White, *Gospel Workers*, p. 479.